

### Inside this issue

**MOTIVATION:**  
AMATYE OMFANA

**BIOGRAPHY:**  
HAZRAT BILAAL IBN RABAH  
RADHIALLAHU ANHU

**LIFESTYLE:**  
IINGXAKI ZOLUTSHA



### XHOSA PUBLICATION

#### MUNTAKHAB AHADITH

100 Hadith on Iman

#### Download ebook:

<http://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokholwa/>

### XHOSA RESOURCES:

 **XHOSA TAFSEER AUDIO**  
<http://alhidayah.co.za/xhosa-tafseer/>

 **RADIO FORTE LECTURES**  
<http://alhidayah.co.za/radio-forte-xhosa/>

 **XHOSA NEWSLETTER**  
<http://alhidayah.co.za/ilizwi-le-islam/>

 **XHOSA QURAN CLIPS**  
<http://alhidayah.co.za/quran-xhosa-translations/>

# MUSA UKULAHLA ITHEMBA!

Olunye lweempawu ze Muslim kukuba ihlale inethemba phantsi kwazo zonke iimeko. Kuba iMuslim ngalo lonke ixesha ikholelwa ekubeni uAllah nguMdali wezinto zonke, kwaye akukho nto inokwenzeka ngaphandle kwemvume kunye nolwazi lwakhe. Kungenxa yoko iMuslim ithi xa izibona ikwisimo engasithandiyo iye izithuthuzele ngokuba lo meko ikuyo yenzeke ngentando ka Allah.

Kuba amaxesha amaninzi siye sibone okanye sinqwenele ukuba izinto zenzeke ngendlela ethile kuba sicinga ukuba yeyona ndlela iluncedo kanti akunjalo. Kufuneka sizikhumbuze ngala mazwi eQuran rhoqo sizibhaqa sikulo meko: kanti kunokwenzeka okokuba nichase into eyiyeyona ilungileyo kuni nize nithande eyona nto imbi kuni. UAllah Uyazi kodwa nina anazi." (Quran2:216) U Allah ufundisa imiphefumlo yabo bakholwayo ngokwenene ukuba abo bayakufumana iParadesi ngabo banokholo olusulungekileyo. Kunge sosizathu sizibona sitsala nzima ngamanye amaxesha kuba uAllah efuna siqine somelele ekuzinikezeleni kwethu kuye. Koku zinikezela kwethu siyawa okanye siyasilela ukuzinikezela ngokugqibeleleyo njengokuba kufanele, kuba kaloku sizizidalwa ezigcwele izipheme. Zipheme ezo ezibangela ukuba kufuneka ukuba sihlanjululwe maxa wambi khona ukuze sizoku ngena eParadesi sisulungekile.

U Allah uyasichazela ukuba kufuneka senze njani xa sithe senza okugwenxa: "Nabo bathi xa benze ububi okanye bezenze ubugwenxa ngokwenza ukungcola, bakhumbule uAllah ,bacele itarhu ngezono zabo, yaye akukho wumbi onokuxolela izono ngaphandle ko Allah bangaqhubeki nokwenza (obo bubu) babenzileyo, besazi." (Quran:3:135)

Ku Allah sizizidalwa zexabiso, njalo ke akufanelekanga ukuba sithi xa senze ububi sizithabathe njenga bantu abangento ngenxa yeziphosiso esizenzileyo. Khona ukuze siphumelele kufuneka sikhumbule ukuba abantu akuyomfuneko ukuba baza kusoloko

bekuxhasa kwimigudu yakho yokuya empumelelweni, kungoko xa uzazi ukuba wenza okulungileyo akufuneki ubuye umva Koko kulungileyo ngenxa yokuba ucinga bazakuthini abantu? Bazakucinga ntoni ngam? Ingaba ndizakuba yintandane yabo kusini na? Ingaba abantu bazakundithemba?" Undoqo kukuba u-Allah ukuba ufuna ukuxolela izono uyakuxolela nokuba abantu angakholelwa ukuba uzakuxolelwa. Umzekelo omhle ngu Mprofethi u Ibrahim Alayhi Salaam xa esithi, Nguye (u Allah) Endinethemba lokuba uyakundixolela iimpazamo zam ngemini yoVuko." (Quran 42:82)

Ngalo lonke ixesha masithembele ku Allah siyazi ukuba othembele kuye asokuze adaniswe. Kwenye ivesi yeQuran u Allah xa wayekhuthaza amaSahaba RadhiAllahu Anhum ngexesha ayesebunzimeni ngexesh le mfazwe yase Uhud. Kuba amaMuslim kulo mfazwe angxwelerheka, amaSahaba amakhulu anjengo malume kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam uHamza RadhiAllahu Anhu naye wasweleka kulo mfazwe. UAllah kulo meko wahlisa le vesi ilandelayo ukukhuthaza amaMuslim ukuba makangalahli ithemba nakulo meko inkenenkene. (Musani ukuba yeke -yeke kengoko, ninganxunguphali yaye niza kuba ngentla ukuba ningamakholwa ngokwenene." (Quran 3:139)

UAllah Uyazi ukuba singamaMuslim ngamanye amaxesha siye sizibone sisecicini lokunikezela silahle ithemba, ngenxa yokusithanda Kwakhe uyasithuthuzela ukuba siyazi ukuba naphantsi kwezo meko zibuhlungu kufuneka siyazi ukuba uyandithanda, akasiniki buhlungu ngenxa yokuba engasifuni, Koko uyasivavanya khona ukuze azokucaca lawo maMuslim anyanisekileyo kulawo anganyanisekanga. U Allah Ta'ala uthi kwiQuran: "Inene, abo bakholwayo benze izenzo zobulungisa, uSolubabalo Uyakubanika uthando." (Quran 19:96)

## XHOSA TAFSEER CLASSES

PORT ELIZABETH | WEEKLY | Males and females  
Conducted by Al Hidayah Centre

Masjid Zikrullah, Ngadla Street, Motherwell  
🕌 Sundays after Zuhr  
Al Fidaa Musalla, Marikana  
🕌 Mondays after Maghrib  
Kwazakhele Jamaat Khana, Vuku Street  
🕌 Tuesdays after Maghrib

## BIOGRAPHY

# UBOMI BUKA BILAAAL IBN RABAH

(RADHIALLAHU ANHU)

UBilaaal RadhiAllahu Anhu waye ngomnye wamaSahaba abalaseleyo kwimbali ye Islam. UBilaaal RadhiAllahu Anhu wazalwa ngonyaka u680 CE eMakkah, abazali bakhe yayi nguRabah UBilaaal waye likhoboka le nenekazi elithile elali sondele kakhulu ku Umayyah ibn Khalaf utshaba olukhulu lwe Islam. Wathi u Umayyah wakuva ngoko mnkela I Islam kuka Bilaal RadhiAllahu Anhu waba nomsindo kakhulu waqalisa ukumtshutshisa nokumohlwaya. Kodwa kuba intliziyo yakhe yayizele lukholo azange anikele kulo ntshutshiso koko wanyamezela, wada waba uyakhululwa kobo bukhoboka ngokuthi abe uyathengwa ngu Abu Bakr RadhiAllahu Anhu njalo waba uyaphuma ebukhobokeni. Indlela ayehlonitshwe ngayo ngamaSahaba RadhiAllahu Anhu, u Umar RadhiAllahu Anhu wayembiza ngokuba UBilaaal yinkokheli yethu. Ngenxa yokuzinikela kwakhe kwi Islam wathabatha inxaxheba kwimfazwe yase Badr, eUhud, eKhandaq kunye nezinye. Kwimfazwe yase Badr wabulala utshaba olukhulu lwe Islam u Umayyah ibn Khalaf.

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngowokuqala kule minyaka iyi 1400 eyadlulayo ukugxininisa kokulingana kwabantu ngaphandle kokujonga ibala nolwimi. Kwi Hajj yokugqibela kaRasoolullah sallallahu wakubethelela kakhulu oku wathi: Yini na bantu! UThixo wenu Mnye, Ninonke nino tata Omnye (uAdam). Inene I Arabu alinanqanaba lingentla kwabo bangengawo amaArabu, kwabo bangengawo amaArabu abananqanaba lingentla kunabo bangama Arabu, nomntu onebala elimhlophe akanqanaba lingentla kunalowo unebala elimyama kanti nalowo unebala elimyama akanqanaba lingentla kunalowo

unebala elimhlophe, Koko onenqanaba elingentla ngulowo wenza okulungileyo (Taqwa).

### IMuazhin Yokuqala ye Islam

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wachonga uBilaaal RadhiAllahu Anhu ukuba abe ngowokuqala ukuba abizele abantu emthandazweni nge Azaan. Elinye iwonga lika Bilaal RadhiAllahu Anhu kukuba ngonyaka we 8 yeHijra, xa i-Islam ithabathela ulawulo lease Makkah kuyo. Abo bangakholwayo base Makkah baphuma ngaphandle ezindlwini zabo befuna ukubona ukuba kuzakwenzeka ntoni na? URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayalela uBilaaal RadhiAllahu Anhu ukuba akhwele eluphahleni lweKa'ba enze i-Azaan ekhwele ngaphezulu kwe Ka'ba.

### Ubulungisa buka Bilaal RadhiAllahu Anhu

Ngenye imini uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Hini na Bilaal, zeziphi izenzo zobulungisa ozenzileyo zenze ukuba ndive izingqi zakho phambi kwam UBilaaal RadhiAllahu Anhu wathi, Rhoqo ndisenza iWuzu, ndithandaza iiRakaat ezimbini zeTahiyatul Wuzu.

### Ekhukweni lokufa

Ngexesha esekhukweni lokufa, unkosikazi wakhe uHind wayelila , esithi Le ntlungu enkulu, yena UBilaaal RadhiAllahu Anhu waphendula wathi, Eli lulonwabo olukhulu, "Ngomso ndizakudibana nentandane yam (uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wayebonisa namaqabane Akhe."

## INSPIRATION

# AMATYE OMFAMA

Umfama othile wayelungiselela ukulima izityalo kumhlaba wakhe. Ngethuba egrumba umhlakulo wathi Rhoqo uxinga ntweni ithile .

Ngenxa yomdla wofuna ukwazi ukuba yintoni ebangela oko wagrumba nangakumbi ,wada wafumana ibhokisi enkulu. Wakhawuleza wayivula ibhokisi , kuba efuna ukwazi ukuba yintoni ephakathi kuyo, kodwa wadana xa efumana kuyo amatye amnyama .

Wathabatha isigqibo sokuba awasebenzise lo matye ekugibiseleni iintaka, xa zizokutya izityalo zakhe xa evuna. . Ngaminazana ithile amatye amabini awela phambi kwendoda eyayigqitha apho ngexesha umfama wayegibisela ezo ntaka.

Lo ndoda yawathatha lo matye yawasa kumfama imcela ukuba ayithengisele ngesixa esikhulu semali. Umfama wala kuba ecinga ukuba lo ndoda iyaqhula nje.

Lo ndoda yamxelela umfama ukuba lawo ngamatye anqabileyo exabiso. Umfama walila esithi ngoku ushekelwe ngamatye amabini kuphela, amanye onke uwalahlile.

La matye yimizuzwana yethu yobomi. Siyayilahla kwindawo le yonke siyisebenzisa ngokungafanelekanga. Kodwa ngemini yomGwebo , kulapho sizakulibona khona elona xabiso layo le mizuzwana yobom, kodwa siyakube sele sishiyiwe lixesha. Ngoku lixesha lokuba siyisebenzise ngendlela eyiyo le mizuzwana yobom sinayo.

# INSIGHT INTO FIQH DIFFERENCES IN SALAAH

## Umahluko okhoyo phakathi kwe Shafi neHanafi emthandazweni (Salaah) Part 1

### UKUNGENA NZULU KWI FIQH

#### 1) Asr Time

Shafi: Ixesha le Asr lingena xa umthunzi wento ulingana nalonto kube kanye xa udibanisa nomthumzi wayo ubukhona nge Zawaal.

Hanafi: Ixesha le Asr lingena xa umthunzi wento ulingana nalonto kabini xa uyidibanisa nomthumzi wayo ubukhona nge Zawaal.

#### 2) Maghrib Time

Shafi: Ixesha le Maghrib liqala ukutshona kwelanga uyokutsho ukuphela kobu bomvana esibhakabhakeni.

Hanafi: Ixesha le Maghrib liqala ukutshona kwelanga uyokutsho ukuphela kobu mhlophana esibhakabhakeni.

#### 3) Wording of Iqaamah

Shafi: Amagama webinzana ngalinye abizwa kube kanye, ngokungafaniyo ne Azaan. Kodwa u Qad Qaamatis q yena ubizwa kabini.

Hanafi: Amagama ebinzana ngalinye abizwa kabini , njengoko kusenziwa kwi Azaan

#### 4) linyawu zebhinqa emthandazweni

Shafi: Amabhinqa kufuneka umzimba wawo awugqume ngaphandle kobuso nezandla emthandazweni. Ngoku njalo linyawu nazo kufuneka ezigqumile.

Hanafi: Amabhinqa kufuneka umzimba wawo awugqume wonke ngaphandle kobuso, izandla kunye neenyawu xa ethandaza.

#### 5) Ukusonga izandla

Shafi: Izandla kumadoda kufuneka zisongwe phakathi kwe kwesifuba nenkaba, isandla sasekunene phezu kwesandla sasekhohlo, asibambe isihlahla sasekhohlo ngesandla sasekunene.

Hanafi: Izandla kumadoda kufuneka zisongwe ezantsi kwenkaba, isandla sasekunene phezu kwesandla sasekhohlo, enze isangqa ngobhontsi nango cikicane wesandla sasekunene kwisihlahla sasekhohlo kwaye abeke intsalela yeminye iminwe emithathu uyiyike phezu kwengalo.

#### 6) Surah Fatiha

Shafi: Kulunyanzelo ukufunda uSurah Fatiha kuzo zonke iiRakaat zomthandazo ,umntu eyi Imaam okanye elandela I -Imaam okanye ethandaza yedwa.

Hanafi: Kulunyanzelo ukufunda uSurah Fatiha kwii Rakaat ezimbini zokuqala kumthandazo oFardh, kunye nakwi Rakaat nganye kweminye imithandazo ukuba uyi Imaam okanye uthandaza yedwa. Umntu akamfundi uSurah Fatiha xa ethandaza elandela i-Imaam.

#### 7) Ukufunda u Aameen

Shafi : Umntu olandela I Imaam kufuneka afunde u Aameen ngelizwi eliphezulu xa I Imaam igqiba ukufunda uSurah Fatiha.

Hanafi: Umntu kufuneka afunde u Aameen ngelizwi ephantsi can I Imaam igqiba ukufunda uSurah Fatiha.

## UMVUZO WOKUTHABATHA INXAXHEBA EMNGCWABENI

*(LOWO UTHI OMBATHISE UMNTU OSWELEKILEYO, U ALLAH UYAKUMEMBATHISA NGESILIKA YENQANABA ELIPHEZULU YASE JANNAH)*

Ukuthabatha inxaxheba emngcwabeni lelinye lamalungelo ekufuneka siwanike abanye abahlobo bethu abangamaMuslim kwaye ngokwenza oko kukho umvuzo omkhulu. Enye Tabi; egama lingu Imaam Mujahid Rahmatullah Alayhi uthi; Ukuthabatha inxaxheba emngcwabeni sesona senzo singcono kwizenzo ezinganyanzelekanga ukuzenza. (Fathul Bari, Hadith 1323)

Nazi ezinye izinto eziyinzuzo ekuthabatheni inxaxheba emngcwabeni we Muslim.

#### 1) Ukuhlamba nokombathisa lowo uswelekileyo

Kukho umvuzo omkhulu ekuhlambeni isidumbu, kodwa kubalulekile ukuba kukho izipheme ozibonayo ongazi dulisi uzazise kwabanye abantu.

URasoolullah sallallahu alayhi wasallam uthi: Lowo uthi ahlambe isidumbu kwaye azifihle izipheme azibonayo (kumfi), uyakuxolelwa izono amatyeli angamashumi amane. Kanti lowo uthi ombathise umfi, uAllah uyakumombathisa ngesilika yexabiso yaseJannat." (Mustad rak Hakim, vol 1 pg 354/362)

#### 2) Ukuba yinxalenye yabo bahamba emva komntu oswelekileyo

Indlela engcono kukuba umlandele umfi usukela endlwini yakhe, kwijanazah uyokutsho nasemngcwabeni. Kodwa ukuba umntu ukwazi ukwenza enye yazo, naye uyakuvuzwa ngokufanelekileyo.

U Imaam Bukhari kunye no Imaam Muslim Rahmatullah Alayhima bachaze ngamagama ahlukeneyo ukuba: UAbu Hurairah RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uthi athabathe inxaxheba emngcwabeni kwaye enze ijanazah, uyakufumana 'iqirat', Ukanti lowo uthabatha inxaxheba kude kungcwatywe, yena uyakufumana umvuzo weqirat ezimbini. Kwabuzwa ukuba yintoni na iqirat ezimbini? Waphendula wathi, "Ifana neentaba ezimbini ezinkulu." (Sahih Bukhari, 1325)

*To be continued*

## IINGXAKI EZIFAKA UMCELI MNGENI KULUTSHA LWAMAMUSLIM AMNYAMA

### 1. Imiceli mngeni jikelele ejongene nolutsha

Nangona lungamaMuslim, basachaphazeleka kuko konke okuchaphazela ulutsha lwase Mzantsi Afrika. Ungabikho kwemisebenzi, imfundo engekho mgangathweni kwaye nentsokolo ekumakhaya baphuma kuwo.

### 2. Ukungamkeleki kwelislam yabo

Ulutsha luhlala lusilwa iimfazo estratweni, esikolweni, nasemakhayeni abo, bephendulana nemibuzo engena jongo yokuphendulwa koko ikuxhaphaza inkolo yabo.

Oku kungalunga ngokuba kubekho ndlela ithile yokuveza i-Islam kubantu. Ngoba kunangoku basathi le yinkolo yama'Slams', amaNdiya, namaSomaliya.

Kuyeke nokuba ibengathi yinkolo yabantu ababaleka usebenza ngenjongo zokufumana igroceries' okanye ngeyabantu abasokolayo abafumana ukutya kwamahala. Ukanti, amaMuslim kufuneka aveze uziqhenya ngenkolo yawo nangamasiko abo kwisinxibo nakwezinye izinto.

### 3. Ungabikho kwe`community yamamuslim

Ngamanye amaxesha kwingingqi uzofika kukho amamuslim ambalwa okanye lilinye nje qha. Oku kubangela iingxaki ezininzi kumamuslim kodwa ke kuba sijonge kulutsha, oku kubangela babenobulolo nasiyalo esibaqhubela emva balahle iislam yabo, kunzima nokuba bafumane iqabane kwisiko leNikaah.

Oku kungalunga ngokuba abaphathi kwiMasaajid bavane kwaye bacebisane ngendlela eyaphambili. Kodwa ngokungamandla kubekho iAmir ul-mu`meneen ngoba "intlango yabantu enganaphathi ayinakamva".

### 4. Isiko-lesiXhosa okanye iislam

Ulutsha luzibona luphakathi kwelitye nendawo eqinileyo, ukwenza kwabo isiko lesiXhosa kuphikisana kwabo nelislam kwaye ukungalenzi kwabo baphikwa emakhayeni abo, bangahlonipheki nasekuhlaleni

Oku kungalunga ngokuba abantu abadala 'abanolwazi' abangamaMuslim baseke umbutho ozakwamkelwa. Umbutho ozokhetha oko kungaphikisani ne-Islam kumasiko abantu.

### 5. Ulwazi oluncinci ngelislam

Kuba ke ulutsha luyidlala indima yokuzisa ontanga balo kwislam, ngelisenza umsebenzi omhle kakhulu ukuba beliqhutywa lulwazi lenkolo yabo. Ngamanye amaxesha oku kubangelwa kungabikho kwencwadi zemfundo ephakamileyo yelislam ngolwimi lwabo.

Oku kungalunga ngokuba AmaMuslim athathe ixanduva lokuthumela ulutsha luyofunda ngelislam, kodwa kunga pheleli apho, baqhubeka ngokubaxhasa ngako konke okunonceda bafunde bagqibe. Ngoba kudala lathunyelwa ulutsha ukuba liyofunda kodwa lingagqibi ngenxa yoziva ingathi lilahlelwe apho lifunda khona.

### 6. Ukungaxhomelelani namanye amaMuslim ezinye indawo

Oku kuye kubangelwe kungavani kwelmam zendawo baphuma kuzo, okuye kuchaphazele ubudlelwano babo kunye nabanye bezinye indawo.

Kwislam uye ufunde uba ukungaboningaliso linye kwabantu yindalo kaAllah, kwaye ikwayinceba yakhe kuluntu leyo. Ukuze babe nokukhetha kwizinto, xa enye ingaphumeleli bakhethe okunye.

## IMIBUZO NEEMPENDULO

### HANAFI Q&A

**Q: Ndiye ndasela utywala kwaye ndinentloni yilonto. Ingaba ndingakwazi na ukwenza I Umrah kwiveki ezimbini ezizayo emva kokuba ndisele utywala?**


**A:** Yenza Itauba uqhubekeke me Umrah.Kodwa ukuba uyakwazi ukuhlehlisa ukwenza I Umrah kude kugqithe iintsuku ezingamashumi amane ukususela mhla wasela utywala , yenza njalo.

**Q: Ingaba ukugquma ubuso kwamabhinqa Kulunyanzelo na? Kwaye kutheni?**

**A:** Kwiimeko eziyimfuneko amabhinqa angabuveza ubuso bawo kunye nezandla. Kodwa kungcono kakhulu ukuba abugqume ubuso. Kuba I Ulama zithi ngenxa yokungalunganga okuninzi amabhinqa akufuneki aveze nobuso. Inkangeleko yobuso yiyo ebangela umtsalane emadodeni.

**Q: Ingaba kuvumelekile na ukubukela videos zeMoulana ezenza ibayaans uhleli phakathi emasjid?**

**A:** Akuvumelekanga. Imizobo okanye iifoto zeznto ezino bom azivumelekanga nokuba zezebayaan kusini na. ube semthethweni.





# RECIPE

## Scones

|                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                         | INGREDIENTS                                                                                                                                                                                                  |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|--------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| <h3 style="margin: 0;">METHOD</h3> <p>Sift flour, baking powder, sugar and salt together. Rub in butter with fingertips until it resembles fine breadcrumbs. Add amasi gradually to dry ingredients and mix lightly to a soft dough. Turn out dough onto a lightly floured surface and shape to your preferred size. Place on a greased baking tray with a little space for spreading and brush the top with egg and milk. Bake in a preheated oven at 200° for about 20 minutes. Turn out onto a wire rack to cool</p> | <p>500ml (2 cups) cake flour<br/>125ml (1/2 cup) sugar<br/>15ml (1 tbsp) Baking powder<br/>2ml (1/4 tsp) salt<br/>80g margarine or butter- 200ml amasi<br/>1 beaten egg<br/>5ml (1tbsp) milk for glazing</p> |

Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or to support our projects on:

041 492 2773 Mon-Fri 8.30 am - 4.00 pm

 041 492 2773
  @Hidayah\_Centre
  hidayah\_centre
  Al Hidayah Centre
  info@alhidayah.co.za
  18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth

  
 AL HIDAYAH  
 CENTRE  
 EASTERN CAPE